

# PULA IMVULA

GROWING FOOD • PEOPLE • PROSPERITY

IMAGAZINI YAKWAGRAIN SA YOPHULISO LWABAVELISI



*Graeme Engelbrecht, uMphathi weGrain SA wophuhliso lweengingqi kwiofisi yaseDundee, utyelele iLisbetdale, ifama kaLucky Khumalo. UKhulekani, unyana kaLucky, uzinike isiqabu ekuvuneni iimbotyi zesoya ukuze akhe ancokole noGraeme.*

## Phucula isivuno sakho **SEEMBOTYI ZESOYA** kangangoko

NXALENYE YOCWANGCISELO LWESIVUNO ESINCOMEKA-YO SESITYALO SAKHO SEEMBOTYI ZESOYA IQALISA NGOKUKHETHA IMIHLANGANISELA NGOKUCHANEKILEYO UKWENZELA IFAMA YAKHO NGQO PHAMBI KOKUTYALA.

Ukukhetha iimpawu ngempumelelo kuya kwalatha impumelelo yenqubo yokuvuna nesivuno esisesona sikhulu sifunyenwego. Amathuba obushushu nokubalela, okanye awemvula nokusibekela kweli xesha lokulima angawutshintsha kakhulu umhla olindelikileyo wokuvuna.

### YENZA ISIGQIBO

Ezinye iimpawu ezinokuqwalaselwa ziquka oku:

- Ukukhetha ibanga lokuvuthwa okufanelekileyo kwalatha ubude bexesha lokulima ukuze imihlanganisela ekhethiweyo ityalwe kwangoko.
- Imihlanganisela yexesha eliphakathi nelamva.
- Uhlobo olulinywayo luqinisekisiwe okanye aluqinisekiswanga na.

- Ukuphakama kwemidumba.
- Ukuphakama kwezityalo okunokuba phakathi kwama-63 cm nama-82 cm.
- Isakhono sokusinda okanye iilahleko zokuxinana ekuvuthweni.
- Ukumelana nokutyumka kwemidumba.

Khumbula ukuba imihlanganisela **enesimbo sokukhula okuqinisekisiwego** ukukhula kwayo ngophindaphindo kunqumama kwangoko emva kokuqalisa kokudubula kweentyatyambo. Ukupuhla kwemidumba nembewu kuluqevelana ngakumbi kunakuhlobo olungaqinisekiswanga. Oku kuthetha ukuba lifutshane ithuba lokuba isityalo silungele ukuvunwa okanye ukubhulwa. lintlobo **ezingaqinisekiswanga** ziya kuqhuba ngokukhula ngophindaphindo emva kokuqalisa kokudubula kweentyatyambo kanti oko kuthetha ukuba liba lide ithuba lokuvuthwa ukuya ekuvuneni.

linkcukacha ngezigaba zokukhula neenkcazelo ngazo zingafumane-ka ngokuthoba umthwalo wazo kwi-intanethi kwintlaninge yeziza kanti zikhona nakwiincwadana zoqeqesho. Kucetyiswa kangangoko ukuba



*Abaiana bakwa Mthethwa kwiFama iMilneda kummandla wase-Dannhauser KwaZulu Natal ubala izithole zeembotyi zesoya.*

abali mi mabazazi ezi zigaba ngokunjalo babe nako ukuzichonga kwii-mbotyi zesoya xa zikhula.

Mayigqalwe yonke le mibandela. Kuluncedo ukwahlu kanisa imihla yokuvuthwa kokutya ngexesa lokulima ukuze libe lide ixesa lokuvuna kungabikho xinzelelo lokuvuna sonke isityalo kwithutyan a elifutshane. Nayiphi imvula ena xa isityalo sifanele ukuvunwa ingakhokelela kwiial-hlekko ezingama 20% ukuya kuma 50% njengoko imidumba isuka ityumke emva kokuphinda yome.

### IINGQALELO MALUNGA NOKUVUNA

Qiniseka ukuba umatshini wakho wokuvuna ubhula ukwimeko elungileyo okanye ube unayo ikhontraktha ethembekileyo eya kulungela ukungena emasimini msinyane zakuba iimbotyi zesoya zikwibanga elilungileyo.

**Kwibanga lokuzandisa okanye kweleokukhula leR7** imidumba evuthiweyo itshintsha ukusuka kwibala eliluhlaza ukuya kwelimpithubi ku-landele elintsundi okukhanyayo, ligqibele ngokuba ntsundu okunzulu namachokoza angathi amnyamana kuxhomekeka kuhlobo lomhlanganisela. Ngelo xesha imbewu isenesiqulatho sokufuma sama 60%. Ukuba ungathenga isixhobo esifanelekileyo sokuvavanya ukufuma kwembewu ukuze ube nolwazi oluqinisekisiweyo. Kungenjalo, thatha isampulu uyise kwisisele sakho sorhwebo esikufutshane kakhu lu kuwe ukuze ucele umsebenzi walapho akuvavanye yona.

Abali mi mabatyelele amasimi abo eembotyi zesoya yonke imihla ukuze baqwalasele isiqulatho sokufuma, njengoko isantya sokuvuthwa sisenokwenzenka ngokukhawuleza okukhulu. Ukubhula kuselithuba kubalulekile ekulinyweni okunempumelelo kweembotyi zesoya.

**Kwibanga leR8** ama 95% emidumba aya kuvuthwa kodwa ukufuma kwembewu kungehla kufikelele kwi 15% kwiintsuksu ezintlanu ukuya kwezilishi. Okona kufuma kufanelekileyo kokuvuna li 13% ukuya kwi 15% malunga nobunzima obubobona buphezulu kunye neelahlekko ezizezona zincinane emasimini. limbotyi zesoya mazivunwe xa yomile imidumba yembewu namaggabi. Xa ungaqinisekanga thatha imidumba embalwa uyihihle ezandleni zakho ukuze ubone ukuba isondele kanganani ekuvulekeni itakele ngaphandle.

Khumbula okulandelayo:

- Imbewu iya kutyumka xa ukuvuna kusenziwa ngaphezu kwe 18%.
- Ukubhula kunokuqaliswa ngokuzalisa itanki yovavanyo ukuze kubonakale ingaba isekhona nayiphi na imbewu eluhlaza kwi-sampulu kuba yiyo enokukhawuleza yonakale iye idale iingxaki zokugcina kokutya nomgangatho wembewu.
- limbotyi eziluhlaza zinokudibana nembewu egciniweyo ukuba ukufuma nobushushu bugcinwe kumanqanaba achanekileyo. Ukuba amanqanaba awalunganga, makubanjezelwe ukubhula.
- Imbewu eluhlaza ifumaneka ubukhulu becali xa bekutyalwe emva



*Isityalo seembotyi zesoya sikaSizwe Ngwenya sikhula kakuhle. Usebenza kwifama iDonkerhoek kwaye ucetyiswa nguJurie Mentz.*

kwexesa size eso sityalo sifunyanwe yiqabaka, isiphumo kukwehla komgangatho wesampulu yakho.

- Musa ukutyalu iimbotyi zesoya emva kwexesa elicetyisiweyo kodwa endaveni yazo zama ukutyalu uhlobo olukhula ngokukhawuleza lukan-jongilanga. Isivuno seembotyi zesoya ezilinywe emva kwexesa singancipha njengoko iimbotyi zesoya zidingga imilinganiselo eyaneleyo yobushushu kulo lonke ixesa lokukhula kwazo ukuze sibe sihle isivuno. Kukho ulungelelwano oluntununtunu phakathi **kokufuma okufaneleki-leyo kokuvuna** okuphezulu kakhu lu nokuphantsi kakhu lu. Xa ukufuma kunganeno kwi 13%, imidumba yembewu evulekileyo iya kutyumka zize iilahlekko zibe yi 10% okanye ngapezulu. Kwinqanaba le 10% ukutymka neelahlekko zako kuyanda iye imbewu yona iqhekeke, isiphumo kukwehla komgangatho wesampulu. Zama ukuyiphepha kangangoko imeko enjalo.

**Isantya somgqomo kamatshini namandla omoya** mazimiselwe uku-coca ngokupheleleyo kodwa zibe zezona ziphantsi iilahlekko ezibangelwa kukutymka. Yiba soloko usenza uvavanyo lwe-pesenti yokutymka phambi kokuba umatshini waphule ngokuphindaphinda. Uya kuku-wazi ukubona ukuba ingaba umatshini usetwe ngeyona ndlela ifanelekileyo na njengoko ilahlekko yembewu inokulinganiswa ngokwamanyathe-lo efuthe lemela netafile ngokunjalo nokusebenza kokubhula kwan-gaphakathi kunye nembewu elahlekakwizihluzi. Zama ukunciphisa nakuphi na ukuqhekeka kwembewu kangangoko unako. Lungelelanisa imimiselo kamatshini wokubhula ngokwemfuneko.

### UKOMISA NOLONDOLOZO

Umlimi omncinane unako ukucoca nokuhlela izityalo eshedini encinane evuleke kwicala elinye. Emva koko, yifake engxoweni kwangoko uye



*UOrgan Serema uzamile ukulima iimbotyi zesoya okokuqala ngoncedo lweSACTA. Amasimi akhe abukeka emahle kakhulu.*

kuyithengisa okanye uyigcine okwethutyan. Xa ukufuma kolondolozo kuphezulu kakhulu, ukonakala kungenzeka ngokukhawuleza kwizixa ezikhulu zembewu ezinzulu nokuba sezandlalwe emgangathweni wesamente. Abanye abalimi bay a kuthanda ukugcina imbewu ukwenzela ukulima kwixesha elilandelayo lokulima ukuze ipesenti yokuntshula incitshiswe ngokukhawuleza okukhulu.

Ukuze igcinwe kwithuba elinganeno kunya ka kucetyiswa ukufuma kwe 12% ukuya kwi 13% njengoko nako oku kukokona kufanelekileyo xa kunikelwa ngengxowa okanye ngezixa ezikhulu ezithengiswayo.

Umlimi omkhulu angenza isiggibo sokuguquguqula isityalo kwindawo efanelekileyo, eshedini okanye kwisisele. Kubalulekile ukuba yonke imidlungu nengceba zembewu eyaphukileyo zikhutshelwe ngaphandle ngocoselelo phambi kokomisa. Iimaleko zembewu yeembotyi zesoya zinobuntununtunu obukhulu kwaye zingonakala lula emoyeni oshushu ngaphezu kwama 60°C. Nciphisa ukusetyenziswa kwezixhobo zokubola kwiimaleko zembewu nangona zisisiwa kwizisele zeefama, futhi zilondolozelwa ukuba zithengiswe ethuben, kufuneka zihlaziye kumaxesha ngamaxesha ngokunjalo ukutshatyalaliswa kwezinambuzane makwenziwe ngokuqaphela. Imeko yembewu elondoloziveyo mayi-qwalaselwe qho ngeveki ukuze kuthinteleke nazipihi iingxaki zomgagatho wazo ezinokvela.

Ukuba akunazo iindawo zokusebenzela eyona nto ifanelekileyo kuthumela isityalo sakho kwisisele sorhwebo esikufuphi kuwe ukuze ihlanjwe ngocoselelo, yomiswe futhi ihlelwe. Umlimi angenza isiggibo sokuthengisa ngexabiso langoku lokuthengisa okanye ukuba uzikhuela kwilahleko athengise kwiindawo zeentengiso zexesha elizayo. Ukulondoloza efama kungahokelela kwilahleko zemali ezinkulu ngenxa yokwetha komgangatho!

#### **ISIPHELO**

Kubalulekile ukwazi ubucukubhede bezigaba zokuhula kwesityalo sakho nokulandela ngeliso elona banga lifanelekileyo lokuvuthwa ukuze ukubhula kukhokelele ekuvuneni ixesha liselihi, ekuziphatheni, kulondoloza nasekuthengiseni esona sivuno siphezelu sifumanekayo ngelona xabiso lihle linokufumaneka. ■



**RICHARD MCPHERSON,  
UMCEBISI NGOLAWULO LOSHI-  
SHINO LOLIMO NEEPROJEKTHI**



## **AMAZWI AVELA...**

*Jerry Mthombothi*

**U**KUGWANTYA KWAMANZI YIMEKO APHO INKANGELEKO YOMHLABA IPHUPHUMA NGAMANZI OKWETHUTYANA OKANYE ISIGXINA. KUNAKO UKUNCIPHISA IXABISO LOLIMO NOLOQOQOSHO LOMHLABA, NGOKUBANGELA UKUNCIPHA KWEZIVUNO OKANYE MAXA WAMBI UKUSILELA KWESITYALO NGOKUPHELELEYO. UKUGWANTYA KWAMANZI KUKWAYINGXAKI ENQANDA UKUHAMBA KWAWO.

EMzantsi Afrika baninzi abalimi abonakalelwizizityalo ngokupheleleyo ngenxa yokuna kwemvula ngokugqithisileyo kwiinyanya ezimbalwa eziidlulileyo. Ibanele izikhukula emihlabeni elimekayo, ukukhukuliseka kwezityalo futhi yabangela ukugwantya kwamanzi emihlabeni. Lwenzekile ukukhukuliseko lomhlaba kwaye lwenzeke ngamandla kwiifama kanti abanye abalimi bashiyeke bengenanto abanokuyivuna.

Ukugwantya kwamanzi kuyingxaki enku kubalimi bombona njengoko kuchaphazela ukukhula nokupuhla kwesityalo sombona. Siyacutheka isantya esisesona siphezelu sokuhloholeka kombona. Kuthoba amanqanaba eoksijini kummandla weengambu ukuze oko kunqaphelise ukukhula kwezityalo. Kuphinda kwandise ukwetha kwasakhono somhlabo, kutshintshe ulungelelwano lweekhemikhali zeziqalelo zendalo ezininizi neziska zingene kumxube wamanzi asemhlabeni ngesimo seeayoni. Isiphumo bubuasidi bomhlabo obusuka bube yingxaki enku. Ukugwantya kwamanzi kunganeftuhe elingangqalanga ekukhuleni kwesityalo esiyisiriyeli ngokuchaphaza ubukho benitrogen emhlabeni.

Izicwangcisocebo zokulawula ukugwantya kwamanzi:

- Lima izityalo zokhuselo njengoko ziyingidlela ephucuke kakhulu yokusebenzisa amanzi aggqithisileyo.
- Isicwangcisocebo sethuba elide kukusebenzisa umgaqo wokulima ngokungahlakuli oya kuphucula ulwakhivo lomhlaba oluya kunceda ngokuhamba kwamanzi. Akusai kubakho kugangathea ka komhlabo.
- Dibanisa nezinto ebeziphila ngaphambili ukuze zincede ekuhambeni kwamanzi. Ngaphandle kokufaka izichumiso, izinto ebeziphila ngaphambili zikwanenxaxheba enku ekuqhekekeni kwemihlabo exinene ngokugqithisileyo.
- Ukungena emhlabeni ongaphantsi kuthetha ukuphakamisa umhlabo ngaphandle kokuwuxuba okanye kokuwuphethula. Oko kungabonakala ngokungathi kuphambana nomgaqo wokungahlakuli. Kanti kuya kulushiya ulwakhivo lomhlaba lungaphazamisekanga kodwa kuvule izithuba zomoya emhlabeni ukuze kuphucuke ukuhamba kwamanzi.
- Kungakunceda ukwakha oomandlalo abambalwa abaphakamileyo ukuze ukhawuleze wenze imisele apho amanzi ahamba kakuhle khona. ■

# UKUBA ASIKWAZI UKUZIQHELANISA, ASINAKUZE SIPHUHLE

**M**VA NJE, ENDAWENI YOKULANDELA IINGXELO ZEMOZULU NGENXA YEZIBHAKABHAKA EKUQHELEKE UKUBA ZIBE BLOWU, ZIBE NOBUSHUSHU OBUSOLOKO BUNABA, NGOKU SIHLALA SIXHALABELE UKUBALA IINTSUKU EZOMILEYO FUTHI SITHANDAZELA AMAQONDO OBUSHUSHU AWANELEYO UKUZE KUKHULE IZITYALO ZETHU. ENYANISWENI AKUKHO NTO ITSHINTSHILEYO. UKUFAMA KUSAPHUPHUMA YIMINGENI.

Eli xesha lokulima belinomahluko, akunjalo? Akumva yonke imihla umlimi embombozela ngemvula egqithisileyo. Eluntwini endihlala phakathi kwalo kube nzima ukuba abalimi bangene emasimini abo ukuze balime. Kube ngumngeni ukukhulisa izityalo ezelula zasehlotyeni njengokuhluma kombona, oojongilanga neembotyi, okanye ukutshiza ngeetretara ezinodaka emasimini anodaka ngenjongo yokulwa nokhula kunye nezinambuzane kwidabi lonyaka.

## ABALIMI ABOMELELEYO BENZA OKUFANELEKILEYO

Abalimi basangxabalaze kumahlabathi amabini – elinye liphandle, lijongene neziqalelo zendalo kunye nokukhulisa izityalo; kanti elinye liseofisini, lijongene nokugcinwa kweengxelo nokulungelelanisa iincwadi zeengxelo. Kufuneka sibe nezakhono zobuchule bokulawula amashishini ethu kumaxesha obunzima njengoko inkxalabo, inkxwaleko nodandatheko zisenokwenza ukuba abalimi babe zizisulu. Abantu abazisisulu abasoloko bekwazi ukwenza iziggibo ezizezonza ziphucukileyo. Ufundonzulu oluquhyewe kwiYunivesithi yeSizwe yaseColorado lubonise ukuba phakathi kwezimbo zokuziphatha ezifunyanisiweyo kukunyuka kweenkxalabo

zeentsapho, ukusetyenzisa kweziyobisi ngokuthe kratya neengozi ezandileyo kunye nokwenzakala kwifama.

Isicatshulwa sombhali waseMelika uRobert Jordan sithi: 'Umthi womoki ulwe nomoya waza waphuka, owomngcunube wagoba xa bekufanele kodwa wasinda.' Sonke sjongene nobunzima. Umahluko ukwindlela esiqubisana ngayo neemeko ezinzima. Konke kuxhomekeke ekomeleleni. Abantu abomeleleyo ngabantu abaphuhle izakhono zobunkokeli kwaye bakhola kakhulu ukukhetha 'ukulwa' 'kunokubaleka. Aba bantu bazingela izisombululo futhi bazame ukufumana uncedo. Ukomelala kusinceda ngokuthi silungelelanise ukucinga kwethu ngaphandle kokujongela phantsi ukuze singene endleleni yokuzikisa ingqiqo kwizinto esinokuzikhetha – kusisusa kwimeko yokungathathi manyathelo kusise kuleyo yokuthatha amanyathelo efama nakwiimeko zobudlelwane bethu.

Umoya wokomelela ukhuthaza umntu ukuba enze okufanelekileyo, umzekelo ekulawuleni iimali zefama. Emva kweminyaka eliqela yembalela kusekho abalimi abatsala nzima ngokuhlawula iintaba zamatala abo. Umlimi owomeleleyo ngulowo ongadukisiyo ngokwenza ngathiakanamatyala. Endaweni yokwenza njalo, uthetha nabo abakwelita imali ngemeko yakhe. Ityla lokufama liqhelekile kodwa lidinga ingqiqo ebukhali yoshishino kunye nobulumko ukuze lilawuleke kakuhle. Zakuba zilungelelanisiwe iincwadi zeengxelo zemali zimbini iimeko ezinokubakho: (1) Bubukho bemali yokuwalihlawula licimeke ityala; okanye (2) Kukungabikho kwemali yokucima ityala.

**Kwimeko yokuqala**, umlimi owomeleleyo uya kwenza okufanelekileyo ahlawule amatyala anokuwahlawula. Oku kumxhobisa ngamandla kwaye kunefuthe lethuba elide malunga nokuzakhela igama elihle elinokuba luncedo kakhulu kwikamva. Kuncinane okunokubalulwa ngomntu onako ukuhlawula kodwa angakwenzi oko endaweni yoko imali

*Ifoto: Renette van der Merwe*



## IZIKO IHUDSON LIBALA IINDIDI EZILISHUMI ZOKUHLAZIYEKA KWABANTU ABAKHULU. ABA NGABANTU ABOMELELEYO:

Baqhutuya lixabiso – ixesha licwangcisa ngokwezinto eziphambili.

Banonxulumano nehlabathi – banenkathalo, bayanxibelelana, banothungelwano, futhi bayazingela.

Bazinika amathuba okuthula – ukukhe ube wedwa kuza nemibono.

Balicwangcisa kakuhle ixesha – ubomi bubaluleke ngaphezu komsebenzi! Ukugcina umgangatho nengqiqo kubalulekile.

Bayaxhamla kwindalo – bayisebenzisela ukuzihlaziya.

Bazinika ixesha lokuyila izinto ezintsha nelokudlala – bayakonwabela ukuphila!

Bayaziqhelanisa notshintsho – basoloko beleqa okona kufanele ukukhethwa.

Banento abayifunda ngamathuba okubeka phantsi izixhobo zokusebenza.

Bazigcina kuqequesho – ukufunda kusalathisa ezinye iindlela ezinokubakho zokusebenza.

Baphenjelelw likamva – bakhangela iindlela zokungena nzulu kumava ethu nezokwenza umahluko kwihlabathi lethu.

ayichithele kwenye into ethandwa nguye ... igama lakhe liyakheka nalo – kodwa ngenddlela engalunganga!

**Kwimeko yesibini**, xa amatyala emaninzi kwaye inganelanga imali yokuwahlawula onke, indlela elungleleyo kukukhalipha. Umlimi owomeleleyo uya kulungisa iingxelo zakhe zemali ukuze aye kuxoxa nge-meko yakhe nabantu abamnika uncedo lwemali aze azame ukwenza izicwangciso zendlela anokwenza ngayo iintlawulo kwithuba lexesha elifikeleka bhetele. Akuncedi ukuthula ngethemba lokuba umbolekisi uya kulibala ukuba utyalwa imali.

### YIBA YINKOKELI

UBob Milligan weYunivesithi yaseCornell ukholelwa ekubeni sifanele ukusoloko sizibuza ukuba ingaba siluqhuba njani ushishino namhlanje – sifanele ‘ukucinga ngeemeko ezingaphandle kwefama’ njengendlela yokukhokela ifama zethu. Ubunkokeli buthetha ukuba siyalazi icala esisingise kulo, sinokugqalisela kokubalulekileyo futhi sibone imingeni njengethuba lenxaxheba endaweni yokuyibona njengesoyikiso.

Ingcali eyinkokeli malunga neengqikelelo zekamva nekwayingcaphephe kwimiba yezimbo nezinto ezintsha ezsungulwayo, uJIm Carroll, wenze olu qwalasel, ‘Abanye abantu xa bebona isimbo, babona

isoyikiso. Kodwa abasunguli bezinto ezintsha xa bebona kwasona eso simbo babona ithuba.’ Ukholelwa ekubeni sidinga ukufumana ‘ukugqadaza kushishino’. Oku kusixhobisa ngenddlela yokuphendula kwizimbo ezingaphandle koshishino lwethu, ukuchonga ithuba, ukuthomala isumngeni nokulungelelanisa imithombo yoncedo ukwenzela impumelelo ekhawulezileyo. Abalimi abacinga ukuba oku akubalulekanga kubo, banempazamo. Kungenxa yeso sizathu nciam abanye babo, umzekelo, bewamkele ngempumelelo amaqonga orhwebo eengqikelelo ngecamva ngeliax abanye bejalile futhi bengenathemb.

Singakuzuza njani oku kuggadaza kushishino ngeliax siqubisana nemibandela eyenza sizive sisindwa ngumthwalo futhi kungathi siyafuthaniseleka? Masiqwalasele umfanekiso omkhulu sifumane umbono ngemisebenzi yethu apho sinokuba nenqubela kulo olo tshintsho. UCarroll usicebisa ukuba masiqwalasele le mibandela ilandelayo:

- Ukwakha ngokutsha izakhono zobuchule bokhutshiswano.
- Ukulahla isiqhelo nokufumana ezinye iiprojekthi ezsibeka kwindawo ephambili.
- Ukwenza iziggibo kwangoko.
- Ukuylia izinto ezintsha.
- Ukuqhuhlisu ubudlelwane bolwahlulelwano obungaqllekanga noku-xuba izizukulwana ezahlukileyo.
- Ukuqhelanisa nobuchwepheshe obutsha – ngobungxamo!

Nangona kukho imingeni eminzi esoloko ikhona, umlimi ufanele ukuqbisana nayo, kubalulekile ukuba abonwabele ubomi bakhe, usapho nomsebenzi wakhe. Isitshixo solonwabo, ukomelela nokuhlala emandleni konke oko kusezandleni zethu.

Abalimi abanakusoloko bekwazi abaza kuqbisana nako kwixesha lokulima ukuya kwelilandelayo. Ngubani ebenokulicingela kwangaphambili ixesha lokulima elimanzi kangaka lango-2021/2022? Ngubani obenokumcingela engekafiki ubhubhane wehlabathi esijongene naye ngoku? Okunokwensiwa ngabalimi abomeleleyo, kukusebenza bezazi ukuba bangooabani, bayalwazi ushishino lwabo, kwaye bayila izinto ezintsha ukuze bahlale besombulula iingxaki zobume obutshintshayyo obubangqongileyo. Abalimi bafanele ukwenza isigqibo ngento ebaluleke kubo baze benze kangangoko banako ukuzileqa ezo zinto!

‘Ukuba ufuna ukwenza iinguuko ezincinane, tshintsha indlela owenza ngayo izinto. Ukuba ufuna ukwenza iinguuko ezinkulu, tshintsha indlela ozibona ngayo izinto.’ (Don Campbell, umfuiy omkhulu waseCanada). ■



JENNY MATHEWS,  
INGCALI NOMHLOHLI  
WOLAWULO NOPHUHLISO





# KHETHA UMAHLULELANE OLUNGILEYO

## wefama yakho

**U**KUKHETHA KUNYE NOKUBA NOBUDLELWANE NABATHENGISI BEEMVELISO ZAMALUNGISELELO ZESHISHINI LAKHO KUYINTSIKA YEMPUMELELO NOZINZO LWESHISHINI LAKHO LOKUFAMA. ABALIMI BADINGA UKUZINGQONGA NGABACEBISI NABAHLULELANE ABANOLWAZI OLUPHANGALEYO NABATHEMBEKILEYO.

Kusenokuba ngumngeni kumlimi osemtsha kwishishini ukuqalisa ngenkubo yokufumana uncedo. Ezinye iindawo zinorhwebo oluthe kraty kunye namaqumrhu amaninzi okanye iiarhente umntu anokukhetha kuzo nabamelwane abanokukucebisa, kanti ezinye iindawo zithele qelete kwimithombo yoncedo okanye kwethembekileyo ngokunjalo iba mba-lwa anokukhetha kuyo umlimi.

### KHETHA OKULUNGILEYO

Nokuba uzibhaqa sowukweyiphi imeko, ufanele ukuququzelia ingxaki ingekabikho. Nazi izalathisi ezimbalwa:

#### Yenza umsebenzi wakho wasekhaya

- Kucetyiswa kakhulu ukuba wenze uphando malunga nomntu onokumsebenzisa. Thetha nabalimi abakufutshane kakhulu kuwe naboshishino bendawo ohlala kuyo malunga nokunokkhethwa ngokunjalo namaqumrhu akwindawo yakho. Ukuba akukwazi ukufikelela kwezi ntloblo zamaqonga, unako ukufowunela umlawuli wakho weGrain SA wophuhliso lwengingqi ukuze akukhokele.
- Dwelisa onokukhetha kuko uze uthelkise amaxabiso. Khumbula ukuba iimveliso ezinamaxabiso angawona aphantsi zisenokungabi zezona zilunglelo, kodwa nezinamaxabiso aphezulu kakhulu zisenokungabi yinto oyidingayo. Kungako kubaluleke kangako ukuthetha nabanye abalimi kunye nabantu abanolwazi nabanamava.
- Uze uncedo ulumkele abathengisi abangaziwayo okanye amaqqumrhu angabameli abathengisa baphinde bathengise iimveliso. Aba bathengisi abafane banikele ngenkonzo kwaye naluphi uxanduva lokuphendula xa iimveliso zingasebenzi okanye xa kukho into engaqhubanga kakuhle. Khumbula ukuba xa ungumlimi omncinane, uba phezulu umngcipheko

okuwo xa kukho into engahambanga kakuhle! Bambalwa kakhulu abalimi abanenyhweba yokuzama iimveliso ezintsha, ngoko ke uze ungavumi ukuba uvavanyo lwenziwe kuwe. Okunokwenzeka kukuba ungasuka ungakwazi ukutyala, ukuphinda ufake izichumiso okanye ukuphinda utshize. Sukuchitha ixesha ngokumamela iinkukacha ngeemveliso nangezenzo ezingenambali yokuthembeka nokuba zezabalimi abahlukhileyo abanozinzo kwindawo yakho.

#### Londoloza ngokusebenzisana nabanye abalimi

Nokuba ungumlimi omcinane, ophakathi okanye omkhulu, zikhona iinzuso ekuthengeni kunye. Iiodolo ezithande ukuba nkulu zivumela izaphulelo okanye iinzuso zocwangciselo ezifunyanwa ngumlimi. Ukuba uhlala kwindawo etha qelete ungathenga kunye nabanye abalimi benda-wo yakho ukuze futhi uqinisekise umkhondo womthengisi.

#### UBUDLELWANE BETHUBA ELIDE

Wakuba ufumene iarhente (khumbula ukuba ungaba nazo ngaphezu kwenye jwi), kukho imithethosiseko yoshishino ebaluleke kakhulu nefanele ukusoloko ikhunjulwa xa usebenzisana naye nawuphi na umahluelane Nantsi embalwa:

#### Unxibeletwano

Zigcine unxibeletelana nearhente yakho. Udinga ukulazi ishishini lakho ukuze ubuze imibuzo efanelekileyo. Yenza ucwangciselo lwamatihuba otyelelo kuselithuba.

#### linqobo zokuziphatha (intembeko nengqiqo)

- Caca futhi uthembele malunga nento oyaziyo nongayaziyo ukuze ufumane uhlobo lwecebiso olufanele ifama yakho nohlahlomali lwakho. larhente yakho ifanele ukuyazi imeko yakho ukuze ikucebise ngokwemeko okuyo, ngaloo ndlela uya kufumana ezona zivuno zincombekayo ngokwamalungiselelo onawo.
- Yiba soloko uhlawula ngexesha.

#### Zimisele ngeshishini lakho

Landela amacebiso engcaphephe ngokunjalo unamathele kwiminxeba

yamaxhesha ecetyisiwego. Ukungawagcini amacebiso kuya kuba nefuthe elibi kwisivuno sakho nakubudlelwane bakho nomcebisi wakho. Ungaze uziyelele ukuba wena wazi yonke into futhi musa ukuhlengahlengisa izinto ozisebenzisayo ngokokubona kwakho kuba ufunu ukonga imali. lingcebiso zinikwa ngesizathu esithile. Abalimi abalima ngokukhawuleza okukhulu bakhola ukwenza le mpazamo inobungozi kangaka. Yiba solo ukuphepha oko futhi womelele unganyebelezeli.

#### **Ukungagungqi kuko konke okungasentla**

Kufuneka usoloko uzikhumbuza ngale mibandela xa usebenzisana nomthengisi wakho. Ukungagungqi kuya kubakha ubudlelwane bakho kunye nomkhondo onokulandelwa ngawe njengomlimi othembekileyo.

#### **UKUPHENDULA NGELENZO ZAKHO YINDELA EBUYELA KWAKUWE**

- Qinisekisa ukuba umthengisi liqumrhu elaziwayo nelinegama elihle.
- Gcina iingxelo zeengcebiso. Naliphi icebiso elisesikweni malinikelwe ngokulibala kwiphepha leeleta zequmrhu okanye kubekho ilogo yequmrhu kunye neenkucukacha zoqhagamshelwano zequmrhu leahrente zibe kwinxelo leyo.
- Hlwayela imbewu eqinisekisiwego kangangoko unako.
- Ukuba imbewu inikwe unyango oko kufanele ukwenziwa liqumrhu ngokwalo okanye ngomatshini oqinisekisiwego wokunyanga imbewu.
- Qinisekisa ukuba iqumrhu leekhemikhali othenga kulo nelithengisa iimveliso ngamalungu eCropLife SA.
- Qinisekisa ukuba iarhente oyisebenzisayo inesiqinisekiso semfundo (iFertasa inesiqinisekiso semfundo ngezichumiso, iAFCASA inesiqinisekiso semfundo seengcebiso ngeekhemikhali).
- Abalimi badinga ukulandela iingcebiso ngokuqaphela okukhulu malunga nemiba efana nenqanaba lokufaka okuthile, ixesha lokwenza oko kunye nemiyalelo ekwiileyibheli.

Kubalulekile ukuba abalimi bahambele phambili ekwakheni ubudlelwane bethuba elide nabathengisi bodumo beemveliso zamalungiselelo. Kushishino lolimo sonke sithembele omnye komnye ukuze sizuze impumelelo yokuncedisana. ■




**LIANA STROEBEL,  
UMLAWULI WOQEQUESHO NEMISEBENZI YENKQUBO YEGRAIN SA  
YOPHUHLISO LWABALIMI**

# **i-NAMPO ngo-2022**

## **– yiza uze kuzibonela**

**Usuku IweziVuno IweNAMPO** IwaseGrain SA, owona mboniso mkhulu wezolimo emzantsi wehlabathi, uza kuqhutywa kwakhona emva kokuphazamiseka kwiminyaka emibili ni ngenxa kabhubhane weCOVID. Lo mbutho ububhengeze ngomhla wesi-4 kuMatshi ukuba iNAMPO iza kubakho ngokuhlanganisa iziqu zabantu kulo nyaka, nangona bekuza kuthotyelwa nayiphi na imithetho yelizwe emiselwego.

Khawutyelele iNAMPO Park cebu bucala eBothaville ukususela ngomhla we-**16 ukuya kowama-20 kuMeyi ngo-2022** uze kubona izinto ezintsha kwezolimo. Kuza kuba kokokuqala ngqa kwimbali yoSuku IweziVuno lo mboniso uza kabanjwa kwiintsuku ezintlanu – ukususela ngoMvulo kude kube ngoLwesihlanu. IQela laseGrain SA IoPhuhliso IwabaLimi lijonge phambili ekwamkeleni amalungu ethu kwiNAMPO ngo-2022. ■



## **HELPING YOU GROW YOUR CROPS AND FARMING BUSINESS**



TM ® Trademarks of Corteva Agriscience and its affiliated companies.  
© 2022 Corteva. 2022/CORP/E/008DEV

# UKUBULAWA ZOKHULA: Uthintelo lubhetele kunonyango

**U**MAPILE ONAMEVA KUNYE NE-COCKLEBUR ZII-  
NTLOBO ZOKHULA EZIXHAPHAKE KAKHULU KWI-  
INGINGQI EZILIQELA EZILIMA IZITYALO EMZANTS  
AFRIKA. OLU KHULA LWAZIWA NJENGOLUNE-  
TYHEFU EBANTWINI. UKUBA IINKOZO ZINIKE-  
LWA ZINEMBEWU ETHILE YOKHULA KUZO, EZO NKOZO ZIYA  
KUKHATYWA UKUZE ZIQALE ZIHLANJULULWE. INDLEKO  
ZOKUZIHLAMBULULA ZIPHUMA EPOKOTHWENI YOMLIMI-  
-KUNJALO NJE LINGAXHOMA IXABISO ELIHLAWULWAYO.



*Isityalo esiselula somapile onameva.*

lindleko azibi zezabalimi kuphela njengoko ezi ntlobo zokhula zisenokuba nefuthe elibi ngokuxhalabisayo kwizivuno zezityalo ngokubanzi ukuba azitshatyaliswa. Ngethamsanqa emboneni ezi ntlobo zokhula akunzi-manga kangako ukuzibulala njengakwizityalo zamaggabi abanzi.

## UKUTSHABALALISA UMAPILE ONAMEVA KUNYE NECOCKLEBUR

Ukhula luyazivelia iintlobo ezininzi zeekhemikhali zokhula lwamaggabi abanzi. Ukuba kufakwe iikhemikhali zokhula ezifanelekileyo futhi ngexesha elifanelekileyo, ezi ntlobo zokhula azisayi kuba yingxaki. Nangona kunjalo, kuya kusoloko kukho ukhula oluntshula selihambe kakhulu ixesha lokulima kwaye zezi ntlobo zokhula eziya kubangela ingxaki kwisisele.

Umapile onameva okanye *i-Olieboom* necocklebur okanye *iKankerroos* zaziwa ngokukhula ngokukhawuleza. Ukhula luntshula lula kwaye lungabangela abalimi iintloko ezibuhlungu kakhulu. Ezi ntlobo zimbini zokhula ziya kuntshula lisaqala ixesha lokulima ziphinde zimana ukuntshula lide lihambe kakhulu ixesha lokulima. Oku kwenza ukuba zibe ziintlobo zokhula ezilawuleka nzima.

Abalimi mabasoloko benenkubo elongileyo yokutshabalalisa ukhula eya kulawula ukumilisela ezi ntlobo zokhula. Ukuba ulawulo lwemichiza alusebenzi, ngoko ke kufuneka kusetyenziswe izixhobo, nokuba oku kuthetha ukuhlakula ngesandla. Ukuba abalimi bayasilela kulo msebenzi baya kubetheka xa kufika ixesha lokuvuna nakwimi-nyaka elandelayo.

### I-2,4-D Amine

**Emboneni** kukho ikhemikhali yokhula etshabalalisa izinambuzane emva kokuntshula kakhula. I-2,4-D Amine ingumzekelo wekhemikhali yokhula elutshabalalisa kakuhle. Kubalulekile ukuzidibanisa nomthengisi wakho weekhemikhali zokhula ngolwazi oluthe kratya kuba xa ingasetyenziswe ngokuchanekileyo i-2,4-D ingasenzakalisa isityalo sakho sombona. Linyathelo elineendleko ukutshabalalisa ukhula ngeekhemikhali.

### Ukuhlakula ngesandla

Ukuhlakula ngesandla nako kuneendleko njengoko abasebenzi befanele ukuhlawulwa imivuzo eyiyona iphantsi ngokusesikweni. Ukuba ukuhlakula lutshatyaliswa ngokuhlakula ngesandla, kubalulekile ukuluqokelela ukuhlakula nokulukhuphela ngaphandle kwamasimi. Akuncedi ukuhlakula ukuhlakula kodwa lusiyewe entsimini kuba ngokwenza njalo luyavunyelwa ukuba lusasaze imbewu yalo yakuba yomile.

### Imidumba yembewu

- Ukuba kukho nayiphi imidumba yembewu ephuhle kwizityalo, imbewu iya kuqhuba ngokuya ekuvuthweni. Le mbewu iya kuntshula kunyaka ozayo.
- Kanti kukwabalulekile ukuqinisekisa ukuba olu khula aluhlangani nomatshini wokuvuna ebhula. Ukuba lo matshini wokuvuna utsalwa



Izithole zeCocklebur.



*Nangona iCocklebur (Xanthium strumarium) ineempawu ezininzi zeyeza, asingomhlobo womlimi wezityalo.*



*Igama lomapile onameva ngokwenzuluwazi ziintlobo zeDatura. Igama elithi datura livela kwigama lesiHindu elithi, dhatura, elithetha umapile onameva.*

yitrektara, umqhubi makeme ukuze ukhula luqokelelwe phambi koku ba lungene kumatshini wokuvuna. Ukuba kusetyenziswa ikhontraktha ekuvunenei okanye umatshini oziqhabay wokuvuna, akucetyiswa ukuqokelela imbewu ingekangeni kumatshini.

### IMIGAQO EYIYONA ILUNGILEYO YOLIMO ISISITSHIXO

Ukulawuleka komApile onameva neCocklebur **kujongilanga** kunzima kakhulu malunga nemihlanganisela yesiqhelo. Zikhona iikhemikhali zokhula ezikwaziyo ukutshabalala ukhula, ukutyala imihlanganisela yeClearfield kajongilanga kulwenza lube nako ukulawuleka lula ukhula futhi ngendlela encomekayo. Malunga nokulinwa **kweembotyi zesoya** olu khula aluyongxaki xa kulinywe umhlanganisela weRoundup ready.

Xa siqwelasela iinkcukacha ezingasentla kuyacaca ukuba ulawulo oluncomekayo lomApile onameva neCocklebur lufanele ukualisa kunya ongaphambi kowokulima isityalo. Ekupheleli konyaka khangela olu khula luqheleke emasimini. Khetha isityalo esikwaziyo ukulawula ukhula.

Kucacile ukuba uthintelo lokukhula kokhula lubaluleke kakhulu ukuze kunikelwe ngeenkozo ezingenakhula kwisisele. Akukho sizathu sokunikela ngeenkozo ezinembewu yokhula kwisisele kuba kungathintelwa oko ngokusebenzisa imigaqo eyiyona iphucukileyo efumaneka kubalimi. ■

PIETMAN BOTHA,  
UMCEBISI OZIMELEYO KWEZOLIMO



# UHLALUTYO LOBUNTUNUNTUNU BEEMBOTYI ZESOYA EZIGCINWE EKUGQIBELENI

**U** TYALOMALI OLUBALULEKE KWICANDELO LEE-MBOTIYE ZESOYA LUBONISA ISAKHONO ESANDILEYO SEEHEKTARE EZILINYIWEYO, UKWANDA KWEZIVUNO FUTHI ENYANISWENI NOMSEBENZI WOKULIMA, OKU KUXHASWA NAZIIMEKO EZI-LUNGILEYO ZOKULIMA, NGAKUMBI KWIXESHA LOKULIMA ELIDLULILEYO KANTI KUNGALINDELEKA OKUNCOMEKAYO KWIXESHA ELIZAYO LOKULIMA.

Eli nqaku linika iingcebiso ngeemeko eziyimizekelo ezahlukileyo ngokuse-benzisa iingqikelelo zeKomiti yeeNgqikelelo zesiTyalo (CEC) malunga neembotyi zesoya ezilinywe kwindawo ethile kusaqalwa ngo-2022 kunye nesivuno esingumyinge esikumda osisiseko ukuze kufunyaniswe impahla egcinvwe ngokolinganiselo lokusetyenziswa kwayo (**Itheyibhile 1**).

## OKUSETYENZISWA KWELI LIZWE

Itheyibhile 1 ibonisa impahla esetyenziswe ngo-2021/2022 ezizigidi zeton i ezi-1,6 zeemboty zesoya, ukusetyenziswa okwande nge 15% xa kuthelekiswa nomvinge weminyaka emithathu weziqidi zeton i ezi-1,4.

Indawo elinywe kusaqalwa nayo yande malunga ne 10,02% xa kuthelekiswa nexesha lokulima elidlulileyo, nelilelona linendawo enku elinyiweyo kwimbali yaseMzantsi Afrika. Oku akwenzekanga njengommangaliso ngenxa yomtsalane warmaxabiso eemboty zesoya ngokujalo neziganeko zokunyuka okubaxeleyo kweendleko zeichumiso nezeekhemikhali zolimo kwiindawo zeentengiso, meko leyo engaginiye ki kakuhle malunga nokulinywa kombona kodwa ihambelana phucukileyo nembewu yeoyile, ngenxa yeendleko ezithande ukuba phantsi zee-mveliso zamalungiselelo. Nangona kunjalo, akucetyiswa ukuba abalimi balime imbewu yeoyile ngaphandle kokufaka izichumiso, ngakumbi xa iimpembelelo zexesha elide zithathelwa ingqalelo.

**1** *Amanani okuthengisa nokuthenga iimbotyi zesoya akumda osisiseko.*

<b>limbotyi zesoya (2022/2023)</b>	
IKomiti yeeNgqikelelo zeziTyalo (CEC) ngendawo elinywe kusaqalwa	910 000
Isivuno esingumyinge (iitoni/ngehektare)	2,00
Okwensiwa ngeli thuba 2021/2022 (iitoni)	182 093
Okusetyenziswa kweli lizwe (iitoni)	1 650 000
limfuneko eziza kundululwa kwezi nyanga (± 1,5 iinyanga) (%)	13%

IIMBOTYI ZESOYA EZIGCINWE EKUGOIBELENI

**Itheyibhile 2** ibonisa uhlalutyo lobuntununtunu beembotyi zesoya ezicinwe ekuggibelini njenepesenti yezo zisetyenziswa kweli lizwe ngokweendawo ezaahlukileyo neemeko ezinokubakho zezivuno kwixesha lentengiso lango-2022/23. Indawo elinywe iimbotyi zesoya eqikelelwe yiKomiti yeCEC engangama-910 000 eehektare (kuqikelelo olusuka ekohohlo luye ekukunene), apho isivuno esingumyinge seetoni ezi-2 ngehektare (kuqikelelo olusuka phezulu luye ezantsi), oko kunika impahla egciniwe ekuggibelini njenepesenti yaleyo isetvenziswe kweli lizwe engama 21%.

Xa uhlatulyo lobuntununtuna lubonisa impahla ngokolinganiselo lokusetyenziswa kwayo okunganeno kwi **13% oluthande ukuba phantsi**, **kodwa xa lungapezulu kwi 13% sukuba luphezulu kuba i 13% yeysa ifanelekileyo**. Impahla esetyenziswa ngokolinganiselo ingumlinganiselo olucedo lokusebenzisana kweemveliso ngokwentengiso nentengo. Impahla esetyenziswa ngokolinganiselo yalatha inqanaba lempahla efikelela kwixesha elizayo malunga nayiphi na imveliso njenepesenti ventengo okanye yokusetyenziswa kwayo kuphelele.

2

**Uhlalutyo lobuntununtunu beembotyi zesoya ezigcinwe ekugqibeleni njengesenti yokusetyenziswa kwazo kweli lizwe kwiindawo ezahlukilevo kunye nemizekelo yeemeko zeziyuno kwixesha lokuthengisa lango-2022/2023.**

Indawo elinyiweyo (iihektare)						
	-20%	-15%	-10%	Indawo elinywe kusaqlwa	+10%	+15%
	728 000	773 500	819 000	910 000	1 001 000	1 046 500
Isivuno (iitoni ngehektare)	1,55	-21%	-16%	-12%	-3%	5%
	1,70	-14%	-9%	-5%	5%	14%
	1,85	-7%	-2%	3%	13%	23%
	2,00	-1%	5%	10%	21%	32%
	2,15	6%	12%	18%	30%	41%
	2,30	13%	19%	25%	38%	51%
	2,45	19%	26%	33%	46%	60%
	2,60	26%	33%	40%	54%	69%
						76%

Is it shiox

*Okusetyenziswa eMzantsi Afrika kuphela  
Okusetyenziswayo ngokwe Komiti yeeNgqikelelo zeNtengiso neNtengo  
Akukho ngqalelo yenzive ngeentengiso kumazwe angaphandle*

<20%  
>20%  
<0



Xa usiya ngasekunene kwetheyibhile 2, ukuba indawo elinyiwego inxaxha nge +10%, okanye nge +15% ngaphezu kwendawo elinywe kusaqalwa kumyinge wesivuno see-toni ezi-2 ngehektare, oku bekuya kusishiya nempahla ekulinganiselo lokusetyenziswa kwayo okuphakathi kwama 32% nama 38%.

Makhe siye ngasekhohlo kwetheyibhile, ukuba indawo elinyiwego inxaxha nge -10%, -15% okanye ngama -20% nganeno kwindawo elinywe kusaqalwa kumyinge weetoni ezi-2 ngehektare, impahla ekulinganiselo lokusetyenziswa iya kuba nganeno kunaleyo ifanelekileyo njengoko iya kuba ingaphantsi kwi 13%.

Itheyibhile 2 yalatha kuphela ukusetyenziswa kwempahla kweli lizwe kuba ayizithatheli ngqalelo naziphi iintengiso zasemazweni angaphandle ezinokwenzeka. Ukuba kukho iintengiso zasemazweni angaphandle impahla ekulinganiselo lokusetyenziswa ekupheleni kwexesha lokulima lango-2022/2023 ingahluka ngokupheleleyo.

## AMAXABISO

Enyanisweni intengiso nentengo yemveliso – malunga neembotyi zesoya – zinefuthe elingqalileyo emaxabisweni. Xa impahla ikuli-

nganiselo lokusetyenziswa kwayo olungaphezu kwe 13% (luphezulu), amaxabisoaya kuthanda ukusondela kwinqanaba lolungelelwano iso-kuthengisa emazweni angaphandle (luthande ukwehla), oku kwenzeka ngenxa yempahla egcinwe ekugqibeleni ethe kratya. Xa impahla ikulinganiselo lokusetyenziswa kwayo oluyi <13%, amaxabiso angathanda ukusondela kwinqanaba lolungelelwano iso-kuthengisa kumazwe (luphezulu); oku kubangelwa yimpahla egcinwe ekugqibeleni ethande ukuba phantsi.

Ngenxa yeemeko zemozulu yangoku, imveliso iya kuthanda ukuhambelana neengqikelelo zeCEC malunga nendawo elinywe kusaqalwa okanye ithi kratya kancinane kwindawo elinywe kusaqalwa, kanti oko kungagcina amaxabiso esondele kulungelelwano iso-kuthengisa emazweni angaphandle. ■



**IKAGENG MALULEKE,  
INGCALI YOQOQOSHO  
KWEZOLIMO EGRAIN SA**

## UMphathiswa uneqhaya NGABALIMI BASEMZANTSİ AFRIKA

UMPHATHISWA WEZOLIMO, UKUBUYISWA KWEMIHLABA NOPHUHLISO LWAMAPHANDLE (DALRRD), UTHOKO DIDIZA, UTHI IINGQIKELELO ZEZITYALO ZEHLOBO EZILINYWE EMZANTSİ AFRKA ZINKA ITHEMBA NANGONA BEKUKHO IZANDYONDYO ZEEMVULA. UPHINDA ATHI ABALIMI BASEMZANTSİ AFRIKA BAKUBONISILE UKOMELELA NOKUZINIKELA KWABO, KUBA BATYHALE NGEZIFUBA BEQUBISANA NEMINGENI BAQHUBE NGOKULIMA NAXA SE-LEDLULILE AMATHUBA ESIQHELO ANGAWONA ALUNGELE UKULIMA.

lingqikelelo ezikhutshwe yiKomiti yeeNgqikelelo zeziTyalo yeDALRRD zibonisa ukuba izityalo zehlobo ezilinywe ngo-2021/2022 zizigidi ezi-4,21 ngehektare, kwaye zithe kratya nge 0,4% ngaphezu kwexesha lokulima lango-2020/2021. ‘Ezi nkukacha ziyathuthuzela kuba nentwana yazo efumaneku qala ityihle ukuba nangona iimvula zakutshanje bezinentshabalalo kwiinqinqi ezininzi, kodwa ubukho bokutya okwaneleyo busakhuselekile eMzantsi Afrika. limeko zemozulu kwiinyanga ezimbini ezizayo zisabalulekile malunga nezivuno zezityalo zasekugqibeleni zexesha lokulima lango-2021/2022,’ utshilo uMphathiswa uDidiza. Waleke ngelithi iDALRRD iya kuhlala ethembeni lokuba ziya kufumaneka izivuno ezhile noko, ngokunjalo uMzantsi Afrika uya kuzifumana izivuno ezaneleyo kubejnjalo nasemazweni angabamelwane bethu. ■

*Umthombo weenkukakha  
Mzansi Agriculture Talk, 27 Eyomqungu 2022*



## Iqela labahleli

### GRAIN SA: PRETORIA

PO Box 74087  
Lynnwood Ridge  
0040

- 086 004 7246
- [www.grainsa.co.za](http://www.grainsa.co.za)

### UMHLELI OLAWULAYO

*Dr Sandile Ngcamphalala*

- 082 862 1991 ■ lofisi: 012 943 8296
- [sandile@grainsa.co.za](mailto:sandile@grainsa.co.za)

### UKUMISELWA KWABAHLELI

*Liana Stroebel*

- 084 264 1422 ■ lofisi: 012 943 8285
- [liana@grainsa.co.za](mailto:liana@grainsa.co.za)

### UMAHLULELANE KUPAPASHO

*INFOWORKS MEDIA PUBLISHING*

*Umhleli ongumncedisi – Louise Kunz*

- louise@infoworks.biz

*Inkokeli yeqela lomsebenzi – Johan Smit*

- 082 553 7806 ■ lofisi: 018 468 2716
- [johan@infoworks.biz](mailto:johan@infoworks.biz)

*Abapapashi – Elizma Myburgh, Joritha Hechter*



## INkqubo yeGrain SA yoPhuhliso IwabaLimi

### ABAQUQUELELI BOPHUHLISO

*Johan Kriel*

Free State (Bloemfontein)

- 079 497 4294 ■ [johank@grainsa.co.za](mailto:johank@grainsa.co.za)

*Jerry Mthombothi*

Mpumalanga (Mbombela)

- 084 604 0549 ■ [jerry@grainsa.co.za](mailto:jerry@grainsa.co.za)

■ e-Ofisini: 012 943 8289 ■ Smangaliso Zimbili

*Jurie Mentz*

Mpumalanga/KwaZulu-Natal (Louwsburg)

- 082 354 5749 ■ [jurie@grainsa.co.za](mailto:jurie@grainsa.co.za)

■ e-Ofisini: 012 943 8218

*Graeme Engelbrecht*

KwaZulu-Natal (Dundee)

- 082 650 9315 ■ [graeme@grainsa.co.za](mailto:graeme@grainsa.co.za)

■ e-Ofisini: 012 943 8287 ■ Nkosinathi Mazibuko

*Luke Collier*

EMpuma-Koloni (Kokstad)

- 083 730 9408 ■ [luke@grainsa.co.za](mailto:luke@grainsa.co.za)

■ e-Ofisini: 012 943 8280 ■ Luthando Diko

*Liana Stroebel*

ENtshona-Koloni (Paarl)

- 084 264 1422 ■ [liana@grainsa.co.za](mailto:liana@grainsa.co.za)

■ e-Ofisini: 012 943 8285 ■ Hailey Ehrenreich

*Du Toit van der Westhuizen*

North West (Lichtenburg)

- 082 877 6749 ■ [dutoit@grainsa.co.za](mailto:dutoit@grainsa.co.za)

■ e-Ofisini: 012 943 8290 ■ Lebo Mogatlanyane

*Cwayita Mpotyi*

Eastern Cape (Mthatha)

- 078 187 2752 ■ [umthatha@grainsa.co.za](mailto:umthatha@grainsa.co.za)

■ e-Ofisini: 012 943 8277

### IPULA IMVULA IFUMANEKA

### NGEELWIMI EZILANDELAYO:

isiXhosa, isiNgesi, iSeTswana, iSesotho nesi isiZulu.

Articles written by independent writers are the views of the writers and not that of Grain SA.

THIS PUBLICATION IS MADE POSSIBLE  
BY THE CONTRIBUTION OF THE MAIZE TRUST

# Inkqubo egugula ubomi babantu



Ingxelo

## lingcebiso ezinikwa ubuso ngobuso

**IQELA** leGrain SA libe namathuba otyelelo ali-143 kwiifama ukuze linikele ngenkxaso yeengcebiso kubalimi kuJanyuwari ngo-2022. Eli qela liphinde lafikelela kumalungu amaqela ofundonzulu ahlukeneyo **kumaxa angama-91** kuJanyuwari.

Njengesipumo sezandyondyo zemvula ezipufumeke kwiindawo ezininzi, iqela leGrain SA IoPhuhliso IwabaLimi lijongene nemingeni emininzi ebiyingxaki elawulwe kwinyanga kaDisemba nekaJanyuwari. Nangona kukho abalimi abaninzi abebeengxaki yokungakwazi ukutyalu, kwaye kukho nonqongophalo Iwezondlo ngenxa yokugwantya kwamanzi kanti abanye abalimi eMpuma Koloni bathwaxwe ngumonakalo wezichotho ezifike kathathu ubuncinane, kodwa akonakalanga kwaphela. Ngenxa yenkxaso efanelekileyo namanyathelo athatyathwe ixesha liselihle malunga nabalimi, ziliqela izityalo ezihe ezikhula kamnandi emasimini. Sinethemba lokuba xa zichanekile iinkqubo zolawulo, zisaya kuba zihle izivuno.



*Le kalika ibisiwe emasimini kodwa ngenxa yokuba bekumanzi kakhulu iitrekta azi-kwazanga kuyifaka kuwo onke amasimi.*

*Lo mbona unengxaki yokuma nkqo ngenxa yokugwantya kwamanzi emasimini. Umhlabo oyisanti ubunamanzi agwantye kuwo kanti izityalo zombona zinqaphele kuba kungekho moyo kummmandla weengcambu.*

*Umlimi ohlanganiselayo uBoy Nzimande ulima kwiFama iSterkfontein kufuphi eAmsterdam. Akakwazanga kuwalima onke amasimi akhe ngenxa yokuba ebemanzi. Nangona, kujnalo, umbona olinyiveyo ukhangeleka umhle futhi ufake umaleko wangaphezulu kuwo wonke umbona wakhe. Kusetyenziswe ihapulasaka xa bekufakwa iikhemikhali zokhula njengoko ebeengwazi ukungena emasimini ngetrektara nesitshizi esoluliweyo.*



## Makhe siqwala sele eli **XESHA LOKULIMA ELIMANZI**

**HAYI** imimangaliso yalo nyaka. Sonke besinethemba lexesha lokulima elineemvula zehlobo kodwa ngubani obenokuyicingela kwangaphambili imvula engaka ekhatshwa yiyo yonke le mingeni ikhoyo. Mhlawumbi oku kubhetelie kunobushushu obugqatsa bungarhoxi bexesha lokulima lembalela. liveni zethu ezitotbayo zasefama zonke zidinga ukhathalelo lokupathwa ngobunono ngendlela eyongezelewayo kune nokulungiswa njengoko bezilima indlela yazo emilanjeni yamanzi kune nodaka apho bekufanele ukuba ziindlela zefama.



*lindlela kwifama yomlimi uThomas Sibya iSchurwepoort eMpumalanga ziyimilambo yodaka. (Ifoto ithathwe ngo-mhla wesi-5 kuJanyuwari ngo-2022.*



*Kwifama kaHappiness Masango icala lentsimi yakhe yombona likhukuliswe ngamanzi.* ■